basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## 2022

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-14.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**LUMKA! BAGINYWA ABANTWANA NGAMAQONGA ONXIBELELWANO**

1 Emhlabeni phantsi kwelanga akukho nto intle kwaphela, kungekho nto imbi kwaphela. Nto nganye inecala elihle nelibi. Kunjalo nakumba wamaqonga onxibelewano, asele eyimpilo yale mihla. Akukho nto yoyikisa abazali ngaphezu kobukho nokuxhaphaka kokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano. Umbuzo ngowokuba, 'Yintoni le ibaxhalabisa kangaka ngawo? Bamele ukuxhalaba abazali. La maqonga onxibelelwano <u>asisilwanyana esikhamisele ukuginya abantwana mihla le</u>. Ngakumbi kule mihla abantwana bathi behleli nje babe becofana neeselula. Bethe phithi ingqondo ngala maqonga, oo-*Twitter*, oo-*Facebook*, oo-*Instagram* noo-*TikTok*. La maqonga onxibelelwano **aya** esibanobungozi obugqithisileyo ngenxa yeendidi zonke zenkohlakalo ezenzeka kuwo. Zona eziquka ukubhulishwa kwi-intanethi, kunye nezingcoli ezixhaphaza abantwana ngokwesondo kwi-intanethi. Kunjalo, ayinakushiywa inyaniso yokuba amaqonga onxibelelwano akayiyo ingozi, koko ubungozi bukwindlela athi asetyenziswe ngayo ngabantu.

2 Iingcali ezifundisa ngolwazi neendlela zokusebenzisa amaqonga onxibelelwano zilumkisa, zikwanika neengcebiso kuluntu malunga neendlela zokukhusela abantwana kubungozi bawo. Kukho uluvo oluthi uxhaphazo nge-intanethi lolona luyingozi kubantwana, kwaye abazali kumele balubazele amehlo. Isizathu sesokuba abantwana babanoxinzelelo olugqithisileyo lomphefumlo bade ngamanye amaxesha babeneengcinga zokuzibulala. Oku kubangelwa kukuhletywa, ukuthukwa nokuzibona behluthwe ukuzingca kwabo. Ezinye iimpawu zomntwana olixhoba lolu didi lokubhulishwa kukuphazamiseka angalali kakuhle, aphakuzele ade aphelelwe nangumdla kwizifundo zakhe. Kuqhutywa kuthiwe, ngumsebenzi womzali ukukhusela umntwana wakhe kubhulisho nge-intanethi. Okungaphezu koku, kukuqinisekisa ukuba nowakhe umntwana akasenzi esi senzo sibi. Umntwana obhulishayo mbi kwaye akakwazi ukuhlalisana kakuhle nabanye.

3 EMelika kukho abaququzeleli bekhampeyini yokuba abazali bangabaniki abantwana iiselfowuni de bafikelele kwibanga lesibhozo. Idatha bangayifumani de babeneminyaka eli-16. Oku kungenxa yefuthe elibi elenziwa zi-*smartphones* nokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano ngabantwana abasebancinci. Ngokweziphumo zophando **lwabo** iiselfowuni namaqonga onxibelelwano zibangela ukuba abantwana abancinci baphazamiseke kumsebenzi wesikolo kuhle neegreyidi zabo. Okunye kukuba baye boyiswe kukuzilawula.

Ngenxa yoko, bafumane ulwazi lwezesondo olungabafanelanga ngokweminyaka, de kuqwele ngokuthi impilo yabo ibesemngciphekweni wokuhlaselwa ludandatheko lomphefumlo (idipreshini).

4 Nangaphandle kokuba umntwana abe uyinikwe engakanani iselfowuni, okubalulekileyo kukubekwa kwemithetho engqongqo emakhaya, elawula iindlela zokuyisebenzisa. Imithetho kufuneka ibekwe kwasekuqaleni, kwenziwe izivumelwano zokuzibophelela phakathi komntwana nabazali. Oko kungathintela iingxaki ezisele zikhankanyiwe neengxabano ezinokubakho. Umzekelo, kunokuvunyelwana lusapho ukuba akuvumelekanga ukuba ubani asebenzise iselfowuni ngamaxesha okutya, xa kuphunyiwe ngeholide nasebusuku. OkaGrover yena ude abethelele ukuba, ukuba umntwana unikwe ifowuni esemncinci, umzali makabenephasiwedi yokungena kwii-akhawunti zakhe, ahlole akubhala kumaqonga onxibelelwano.

5 Kubalulekile ukuba abazali babalumkise abantwana ngamandla e-intanethi ekugcineni ulwazi olumalunga nomntu, nkqu nasemva kweminyaka emininzi. Maninzi amabali abantu ababhala izimvo zabo kumaqonga onxibelelwano besengabantwana, ezibajikele kakubi sele bebadala. Bambi de zachaphazela nekamva labo. Kaloku kwezi nkcukacha bazipowustayo kukho nezinokubavalela kumathuba emisebenzi. Okubhalwe kumaqonga onxibelelwano kwapowustwa, akucimi. Kubalulekile ke ngoko ukuba abantwana bazi ukuba nantoni abayipowusta kumaqonga onxibelelwano ifikelela kubantu abaninzi. Ngoko ke, mabakucingisise abakupowusta kuwo.

6 Okokugqibela, abantwana babangamaxhoba eentengiso ezibubuxoki ezipapashwa kula maqonga. Njengokuba kulula kubazali ukuziqonda iintengiso nee-akhawunti zobuxoki zoo-*Instagram*, kumnyama kubantwana malunga noku. Iinkcukacha zeentengiso ezifumaneka kumaqonga onxibelelwano ziyabaxwa. Injongo yoko kukwenza ukuba abantwana bakholelwe kulwazi olungenabunyani. Ezi ntengiso zinobungozi kubo ngokubenza bazidele, bangazithembi. Oku kusenziwa kukuba ixesha elininzi baphela bezithelekisa nobuhle babantu obupapashwa kula maqonga. Buhle obo bungeyonyani, obenziwe ngobugcisa betekhnoloji. Abaqondi bona ukuba kwenzelwa ukuthengisa iimveliso ezithile. Ngumsebenzi wabazali ke ngoko ukuba bababfundise abantwana babo ukuwazi amaqhinga asetyenziswa kwiintengiso kula maqonga.

7 Elokuqukumbela, itekhnoloji ayilolungelo koko yinzuzo ekungafunekanga ukuba abazali babayeke abantwana bayixhaphaze. Mababanqwanqwadele ukuba bayisebenzise ngendlela eyakhayo.

[Sithatyathwe kwi-socialmedmob.net, saza saguqulelwa, salungiselelwa uviwo.]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Xela into eyoyikisa abazali ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Intetho ethi, 'asisilwanyana esikhamisele ...' imenza ofundayo abengathi ... le nto kuthethwa ngayo.

A uyayiva
B uyayingcamla
C uyayinukisa
D uyayibona (1)

1.1.3 Lizisa ntsingiselo ni ngokwalo mhlathi igama, 'aya' elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?

La maqonga onxibelelwano **aya** esibanobungozi ... (2)

1.1.4 Nika zibeMBINI izenzo zenkohlakalo ezenzeka ebantwaneni kusetyenziswa amaqonga onxibelelwano ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.5 Nika intsingiselo yentetho, 'balubazele amehlo' ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.6 Sizathu sini esibangela ukuba kuthiwe uxhaphazo nge-intanethi malubazelwe amehlo? (2)

1.1.7 Xela uphawu abonakala ngalo umntwana olixhoba lokubhulishwa nge-intanethi ngokwalo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.8 Xela ukuba ngokwekhampeyini yaseMelika abantwana bafanele ukuzinikwa xa kutheni iiselfowuni nedatha. (2)

1.1.9 Libhekisa koobani igama, 'lwabo' elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi ngokwalo mhlathi?

Ngokweziphumo zophando **lwabo** iiselfowuni namaqonga onxibelelwano zibangela ... (1)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.10 Luluvo okanye yinyani le nkcaza ilandelayo ngokwalo mhlathi? Xhasa impendulo yakho.

Oko kungathintela iingxaki ezisele zikhankanyiwe neengxabano ezinokubakho. (2)

1.1.11 Chaza ukuba wahluka njani umhlathi wesi-3 kowesi-4 ngokomxholo. (2)

1.1.12 Ngqina ukuba oku kuthethwa kwesi sivakalisi singezantsi kungabenza babe nexhala abantwana.

Umzali makabenephasiwedi yokungena kwii-akhawunti zakhe, ahlole okubhalwa ngumntwana kumaqonga onxibelelwano. (2)


1.1.13 Nika injongo yolwazi olufumaneka kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.14 Cacisa ukufaneleka kwegama, 'babangamaxhoba' ngokwalo mhlathi. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Uthatyathwe ku-myessay.com]

1.2.1 Xela zibeMBINI iindidi zamaqonga onxibelelwano ezikulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Yintoni ebonisa ukuba umntu osemfanekisweni uwanyuka ngokuzithemba amanqwanqwa? (2)

1.2.3 Myalezo mni odluliswa ngulo mfanekiso ngokubhekiselele kumaqonga onxibelelwano? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

[redacted]

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga neendidi zezibhengezo-ntengiso noncedo lwazo ekubhengezeni amashishini.

Funda ISICATSHULWA C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili unika iingcebiso ngeendidi zezibhengezo-ntengiso ezinokusetyenziswa ukubhengeza amashishini.

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAGAMA AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C: USHWANKATHELO

**YAZISA ISHISHINI LAKHO NGEZIBHENGEZO-NTENGISO**

Zininzi iindidi zezibhengezo-ntengiso eziluncedo umntu angazisebenzisa ukubhengeza ishishini lakhe. Ezinye zenziwa ngaphandle kwe-intanethi ezinye kuyo. Nazi ezi ndidi:

Udidi lokuqala zizibhengezo-ntengiso ezenziwa kunomathotholo nakwithivi, ezinceda ukulazisa ngokubanzi ishishini lakho. Ukusebenza kolu hlobo lwezibhengezo kuxhomekeka kwibhajethi etshintshatshintsha ngokweemeko nobungakanani beshishini ngelo xesha.

Amaphephandaba neemagazini nazo ziluncedo kakhulu ekubhengezeni amashishini ngokwenza ukuba okuthengisayo kufikelele kuninzi lwabantu. Oku kusenzeka kuba zidlulisa ulwazi ngeshishini lakho ngokuhambelana nebhajethi yakho.

Ezinye iindidi zezibhengezo-ntengiso zeziphandle, kwiibhilibhodi kunye nezincanyathiselwe kwizithuthi ezinceda ukufikelelisa ulwazi kubantu abaninzi. Zona zijolise kubantu abakwiindawo ezimi kuzo iibhilibhodi nabakwiindlela ezihamba kuzo izithuthi ezo. Ziyafana nezo zikumaphephandaba nto nje zona zijolise kwiqela elahlukileyo labantu.

Kukho izibhengezo ezenziwa kwiinjini zokukhangela ulwazi ezifana noo-*Google Search* ezinceda ukutsala abantu abanokuba ngabaxhasi. Abo ngabafuna ulwazi ngeshishini lakho. Kolu didi lokubhengeza uhlawuliswa kuphela xa kuthe kwakho umntu oye waklikha kwisibhengezo-ntengiso sakho.

Kwakhona, kukho uhlobo lwezibhengezo lwakutsha nje olusebenzisa okubonwayo neevidiyo, olunceda ukutsala umdla wabantu ngokukhawuleza. Lusebenzisa iiwebhusayithi, ii-*App* zeefowuni no-*YouTube.* Lona lwenza ukuba ukubhengeza ishishini lakho kube kwizinga olinqwenelayo.

Amaqonga onxibelelwano alolunye udidi oluluncedo kuba anika amathuba alungelelaniselwe iinjongo nebhajethi yakho. Oko kusenziwa ngokusebenzisa u-*Facebook*, u-*Instagram*, u-*Twitter* ne-*Snapchat*.

Kukho olunye udidi lokubhengeza olwenziwa ngezixhobo zee-*smartphones*, ezenza kubelula ukugaya abantu abanokuba ngabaxhasi beshishini lakho. Oku kwenziwa ngemiyalezo emifutshane ethunyelwa ngeefowuni kubasebenzisi bee-*smartphones*. Kusetyenziswa iibhena kwiiwebhusayithi kunye nee-*App.*

Ngenene, kuyinyani ukuba ukukhula kweshishini lomntu kukwaxhomekeke nakwiindlela ezisetyenzisiweyo ukulibhengeza.

[Sithatyathwe ku-www.techstart.com saza saguqulelwa, salungiselelwa uviwo.]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D




[Uthatyathwe ku-www.bing.com yaza yahlelwa.]

3.1 Sizisa luphi ulwazi esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Khankanya ibeNYE kwiinkcukacha ezinikiweyo zokufikelela kule nkonzo (isevisi) ibhengezwayo kule ntengiso. (1)

3.3 Ngcinga ni eziswa ngumzobo wesandla esifumbethe iibhrashi ezahlukileyo kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Isakhi u, 'nga' kwisivakalisi, 'ungayifaka yonke imibala yemfundo kubomi bomntwana wakho' sinika intsingiselo yesenzo …

A esesenzekile.
B esingenakwenzeka.
C esinokwenzeka.
D ebesenzekile. (1)

3.5 Sijolise koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)


3.6 Cacisa indlela esifanaleke ngayo isilogani '*Learning starts where teaching begins*' kule ntengiso. (2)

3.7 Ingaba imifanekiso iwuxhasa ngokupheleleyo umyalezo wemfundo ekumgangatho ophezulu efumaneka kweli ziko? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA E




[Ithatyathwe kwi-www.creators syndicate skuns.com yalungiselelwa uviwo.]

4.1 Nika isizathu sokuba umnwe wokukhomba kaSolly alathe ngawo ifowuni wenziwe ubemde kakhulu. (1)

4.2 Zityhila ntoni ngesimo sikaSolly izinto ezisecaleni kwesofa? (1)

4.3 Chonga igama kwikhathuni elitolika indlela angqengqe ngayo esofeni uSolly. (1)

4.4 Nika imvelaphi yeli gama, 'ncumfu-ncumfu' ngokomxhholo wale khathuni. (2)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zilandelayo.

Udaba lomzimba lukamama lubonisa ukuba …

A Akafuni kucaphukisa uSolly.
B Akasafuni uSolly ahleke.
C Akasafuni nokumbona uSolly.
D Akasafuni nokuthetha noSolly. (1)

4.6 Ngeengongoma ezimbini ngqina ukuba uSolly akayihoyanga le nto ithethwa ngutata wakhe. (2)

4.7 Ingaba ngamaqonga onxibelelwano amenza abeleli vila kuthiwa ulilo uSolly? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA F

**INGXOXO-MPIKISWANO MALUNGA NEESELFOWUNI EZIKOLWENI**

Abafundi abathandathu besikolo saseGoli banqunyanyisiwe ngenxa yokuphatha iiselfowuni esikolweni. Ingaba yinto elungileyo leyo? Lo mbuzo uvele ngethuba abafundi kwizithili zonke zePhondo laseMpuma Koloni bebebuthelene eMthatha kukhuphiswano lwengxoxo-mpikiswano.

Kolu khuphiswano kungenela abafundi bebanga leshumi neleshumi elinanye apho kuye kuqalwe ngokubhalwa kwesincoko, ze xa eso sincoko sithe sabhalwa ngokufanelekileyo, kuthathwe izikolo ezibini kwisithili ngasinye ziyokukhuphisana kwibakala lephondo.

**Kulapho** ke iXolilizwe isikolo samabanga aphakamileyo saseNqadu sithe saphumelela khona sisodlula zonke ezinye izikolo. Ngoku aba bafundi baza kuya kukhuphiswano lukaZwelonke ePitoli ekuqaleni kwenyanga ezayo. Bonke baxoxa ngokuzimisela okukhulu. Iinjongo zolu khuphiswano kukuvulela ulwazi kubafundi ngemiba yomgaqo-siseko nendlela esebenza ngayo imithetho yokuphathwa kweeselfowuni ezikolweni jikelele.

[Sicatshulwe kwi-I'Solezwe eyoMsintsi 2021, iphepha le-14 salungiselelwa uviwo.]

5.1.1 Xela umsebenzi wegama, 'abathandathu' elikrwelewe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Tshintsha esi sivakalisi silandelayo sibe sisivakalisi esiyingxelo.

Yinto elungileyo leyo? (1)

5.1.3 Faka igama elithetha into enye neli likrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

Lo mbuzo uvele ngethuba abafundi beseMthatha. (1)

5.1.4 Nika isizathu sokuba igama, 'Mthatha' liqalwe ngonobumba omkhulu kwesi sivakalisi silandelayo.

... bebebuthelene eMthatha kukhuphiswano lwengxoxo-mpikiswano. (1)

5.1.5 Bhala kwakhona esi sivakalisi singezantsi usiqale ngegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Lo mbuzo uvele ngethuba. (1)

5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Igama u-'kulapho' obhalwe ngqindilili kwisicatshulwa …

A sisichazi.
B sisihlomelo.
C sisibizo.
D sisikhombisi. (1)

5.1.7 Lizisa yiphi intsingiselo igama u-'zonke' kwesi sivakalisi singezantsi?

... sithe saphumelela khona sisodlula zonke ezinye izikolo. (2)

5.1.8 Bhala isivakalisi esilandelayo sibe kwimo yokuyalela.

Abafundi bayaxoxa. (2)

5.1.9 Chonga ibinzana kwesi sivakalisi silandelayo elibonisa ukuba isiganeko ekuthethwa ngaso asikenzeki.

Ngoku aba bafundi baza kuya kukhuphiswano lukazwelonke ePitoli. (1)

5.1.10 Bhala isenzi esikwesi sivakalisi silandelayo sibe kwimo ende.

Abafundi baxoxa kukhuphiswano. (1)

5.1.11 Cazulula esi sivakalisi singezantsi ukhuphe igatya eliyintloko negatya elayamileyo.

Iinjongo zokhuphiswano kukuvulela ulwazi kubafundi ngemiba yomgaqo-siseko.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

| IGATYA ELIYINTLOKO | IGATYA ELAYAMILEYO |
|---|---|
| (i) | (ii) |

(2)

5.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthatyathwe kwi-BizarroComics.com waza wahlelwa]

5.2.1 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo ulungise igama elikwizibiyeli.

Khangela, ukuguga kuseminweni (nasezintamo). (2)

5.2.2 Bhala esi sivakalisi singezantsi siqale ngesimelabiso u 'bona'.

Sijongene neziphumo zokuteksta iminyaka ngeminyaka. (2)

5.2.3 Fakela isimamva sexesha elimiyo kwigama elikwizibiyeli ukuze ivakale intsingiselo yesi sivakalisi singezantsi.

Abantu abalapha (bagoba). (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha